# IKOTA 3 AMABALI






Amaqanda amatsha ayathengiswa 1



UKelvin Doe: UDJ Focus 15



UZweli uyazithethela 31



UGreta Thunberg, iqhawe lotshintsho lwemozulu 43



UTrevor Noah, ukumkani wokungena gingci 57



UMzantsi Afrika womntu wonke 71



UZandile ufunda ukumeditheyitha 85



Ngubani uKatherine Jonhson? 99

# IBALI 1
# AMAQANDA AMATSHA AYATHENGISWA



Umxholo: Singoosomashishini



### Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi bakho baqonde ukuba oosomashishini basebenzisa oko banako ukusombulula iingxaki, ukuqala amashishini baze bazuze imali.



### Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Iinkuku zibeka amaqanda, ngokwesiqhelo liba linye ngexesha. Abantu banokuwaqokelela la maqanda bawatye.
- Indlu yeenkuku yindawo yokufihla intloko okanye indlu apho zihlala khona iinkuku. Izigcina zikhuselekile kwaye yenza kube lula ukuqokelela amaqanda azo.
- Iprotheni sisondlo esifumaneka kukutya okufana namaqanda, iimbotyi, intlanzi, kunye nenyama. Inceda imizimba yethu ikhule kwaye ihlale yomelele.
- Ishishini kuxa abantu besenza, belima, okanye bethengisa okuthile ukuze bazuze imali. Kweli bali, umakhulu uthengisela abantu amaqanda.



### Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Kukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Kukunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

| Iphepha nomhlathi | Funda | Yithi |
|---|---|---|
| 3, 1 | Umakhulu ka-Anele wayeneenkuku ezininzi. Iinkuku zikamakhulu zazibeka amaqanda amaninzi. "Amaqanda azele yiprotheni," wayesoloko esitsho umakhulu. Yonke imihla kusasa, uAnele kunye nodade wabo uAndiswa babesitya amaqanda ngesidlo sakusasa. Ngamanye amaxesha babesitya ipapa namaqanda ngesidlo sasemini. Noxa kunjalo kwakusoloko kukho amaqanda afihliweyo eyadini yabo. | Ndingazithathela isigqibo esisekwe kulwazi olusebalini ndithi, usapho luka-Anele lunamaqanda angaphezu kokuba lungawasebenzisa. Batya amaqanda lonke ixesha, baze babe nawo ashiyekayo. |
| 8, 4 & 5 | Wenza ke uphawu lwakhe: "Sithengisa amaqanda ancamise ngencasa amatsha! Azele yiprotheni eyimpilo!" Wapeyinta umzobo wenkuku namaqanda kolu phawu ukuze lutsale umdla kumntu wonke. | Ndizithathela isigqibo esisekwe kulwazi olusebalini ndithi, uAnele ucinga ukuba ishishini lamaqanda ngumbono omhle, kuba ufuna ukunceda! |

Umakhulu ka-Anele wayeneenkuku ezininzi. Iinkuku zikamakhulu zazibeka amaqanda amaninzi. “Amaqanda azele yiprotheni,” wayesoloko esitsho umakhulu. Yonke imihla kusasa, uAnele kunye nodade wabo uAndiswa babesitya amaqanda ngesidlo sakusasa. Ngamanye amaxesha babesitya ipapa namaqanda ngesidlo sasemini. Noxa kunjalo kwakusoloko kukho amaqanda afihliweyo eyadini yabo.



Ngenye imini uAnele nomhlobo wakhe uVuyani babeleqana bejikeleza, ngempazamo uAnele wanyathela iqanda. Weva ukrwaba. “Arha!” wakhwaza njalo uAnele njengoko ephakamisa unyawo lwakhe ebona ubunyekenyeke beqanda busehla esihlangwini sakhe. Wathi akubonisa umakhulu isihlangu sakhe esivuza ubunyekenyeke uAnele, umakhulu waphela yintsini. “Ezi zidenge zeenkuku zizala amaqanda amaninzi,” watsho.



Ngokuhlwa, uVuyani wahlalela isidlo sangokuhlwa.

Umakhulu waphaka ipapa namaqanda.

“Amaqanda azele yiprotheni enika amandla,” watsho njengoko egqithisa iipleyiti.

UVuyani wathi nqumama umzuzwana waza emva koko watya ebuthandabuza. “La maqanda ancamise ngencasa,” watsho. “Andingomntu uwathandayo amaqanda kodwa la anencasa enomahluko.”

“La avela kwiinkuku zethu,” wacacisa uAnele.



Emva kwexesha lokuya kulala, umakhulu washiyeka yedwa. Wacinga ngawo onke amaqanda athe chatha ngobuninzi azalise iyadi. Wacinga ngobunyekenyeke beqanda obebusesihlangwini sika-Anele. Wacinga ngayo yonke iprotheni efumaneka kumaqanda akhe. Wacinga ngento ethethwe nguVuyani. Ngephanyazo kwavela icebo.



Akufika ekhaya uAnele ngemvakwemini elandelayo, wafika umakhulu ephandle nehamile, izikhonkwane, amaplanga kunye nentsimbi, netoti endala yepeyinti.



"Wenza ntoni makhulu?" wabuza uAnele. "Ndakha indawo yokuhlala iinkuku zethu. Asizi kuphinda kwakhona sibe namaqanda alele esithubeni apha kule yadi kuba siza kuqala ishishini lokuwathengisa. Ukuba sizigcina iinkuku zethu intsasa yonke, ziza kuwazalela ngaphakathi amaqanda."

"Kufuneka senze uphawu ukuze abantu bazi ukuba sithengisa amaqanda," watsho uAnele.

UAnele wathatha iceba leplanga kwingqumba yamaplanga eyayilapho waza wavula itoti yepeyinti.

"Ungalibali ukubhala ukuba amaqanda azele yiprotheni," watsho umakhulu.

Wenza ke uphawu lwakhe: "Sithengisa amaqanda ancamise ngencasa amatsha! Azele yiprotheni eyimpilo!"

Wapeyinta umzobo wenkuku namaqanda kolu phawu ukuze lutsale umdla kumntu wonke.



Ngexesha uAndiswa wayefika ekhaya evela esikolweni, indlwana yeenkuku yayigqityiwe. Umakhulu noAnele babexhoma uphawu olubonisayo.

“Siqala ishishini lamaqanda,” uAnele wachazela udade wabo.

“Olu phawu luhle, kodwa luza kubonwa ngabantu abagqitha apha kuphela. Ndiza kwenza amaphetshana esinokuwanika abantu,” watsho uAndiswa.


Wathatha inqwaba yamaphepha neekhrayoni zakhe. Wachitha ubusuku bonke esenza la maphetshana anemizobo emihle.

Ungalibali ukupapasha ukuba amaqanda azele yiprotheni,” watsho umakhulu.




“Ndiyayazi enye indlela esinokubhengeza ngayo amaqanda ethu,” watsho umakhulu. “UMnu. Thandile uthetha nomntu wonke. Ndiza kumnika amanye amaqanda ukuze ahambise umpoposho!”

“Ungalibali ukumxelela ukuba amaqanda azele yiprotheni,” watsho uAnele njengoko umakhulu wayephuma ngomnyango.



Emva kweentsukwana ezimbalwa, kwankqonkqozwa emnyango. YayinguVuyani nomama wakhe. “Ndivile ukuba uthengisa amaqanda,” watsho. “UVuyani uthe mandithenge awakho amaqanda, ndingathengi la asevenkileni. Ndincede undinike idazini.” Wolula isandla wanikeza imali.



Emva kokuba emkile, uAnele wabuza umakhulu ukuba baza kwenza ntoni ngemali.

“Uyabona, ndicinga ukuba masikhulise ishishini lethu,” watsho umakhulu. “Masigcine imali sithenge imbewu ukuze sibe nokuthengisa imifuno ezele ziivithamin ezinempilo. Ungathanda ukuncedisa sityale oluphi uhlobo lwemifuno?”





## Ufundo 1

**Wanyathela ntoni uAnele?**
Wanyathela iqanda eyadini.

**Wabhala ntoni uAnele kuphawu awayelwenza?**
Wabhala "Sithengisa amaqanda ancamise ngencasa, amatsha! Azele yiprotheni enempilo!"

**Kwakutheni ukuze umakhulu ka-Anele aqale ishishini lamaqanda?**
- Kuba babenamaqanda amaninzi bengenakuwasebenzisa onke.
- Kuba waqonda ukuba bayawamosha amaqanda.
- Kuba uVuyani wahlomla ngendlela anencasa ngayo la maqanda.
- Kuba wayesazi ukuba uninzi lwabantu bendawo awayehlala kuyo bangazuza kula maqanda matsha, anempilo.



## Ufundo 2

**Singazithathela njani isigqibo ngokulandela ibali sithi uAnele noAndiswa balithanda icebo likamakhulu?**
- Kuba bobabini bafuna ukumnceda aqale ishishini elo.
- Kuba bobabini bachitha ixesha bemncedisa ukubhengeza ishishini elitsha.

**Benza njani uAnele, uAndiswa, nomakhulu ukubhengeza ishishini labo?**
Benza uphawu oluchazayo, namaphetshana ezaziso nangokuchaza ngomlomo.

**Kwakutheni ukuze umama kaVuyani eze kuthenga amaqanda?**
- Kuba uVuyani wawathanda amaqanda amatsha anempilo eenkuku zikamakhulu.
- Kuba umakhulu waqala ishishini lokuthengisa amaqanda akhe angawasebenzisiyo.
- Kuba konke ukubhengeza kwabo kwakusebenza.

IBALI 2

# UKELVIN DOE: UDJ FOCUS

Umxholo: Singoosomashishini





### Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingumxube wenyani nokungeyonyani.
- Lenzeka eSierra Leone.
- Lenzeka kwixesha elisanda kudlula.
- Eli bali liza kunceda abafundi baqonde indlela ubugcisa, ukuzingisa, nokusombulula iingxaki kunganceda ngayo abantu baphucule iindawo abahlala kuzo. Likwabonisa indlela ukusungula izinto ezintsha, ukufunda kwiimpazamo, nokusebenza nzima kunganceda ngayo abantu bafezekise iinjongo zabo baze benze umahluko oncomekayo kwiindawo abahlala kuzo.



### Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza uhlolo

- Yintoni: Kukuthatha isigqibo sokuba uyalithanda na ibali okanye izigqibo ezithatyathwe ngabalinganiswa.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuthatha ezakho izigqibo nokuqonda ibali ngokunzulu.
- Inceda njani: Inceda ucinge ngomyalezo webali kunye nokukholelwayo ngalo.



### Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Umbane unika amandla izibane, oonomathotholo, oomabonakude, nezinye izixhobo ezininzi. Ngaphandle kombane kungamnyama kumakhaya kwaye abantu abanakuba nako ukusebenzisa izixhobo ezininzi zombane.
- Okusunguliweyo yinto entsha ethe yenziwa ngumntu ukusombulula ingxaki. Ukusungula kuthetha ukufumana  iindlela ezintsha nezingcono zokwenza izinto.
- Iintsimbi ezilahliweyo zizinto ezindala okanye ezophukileyo abangazisebenzisiyo abantu. Ngamanye amaxesha ezi zinto zinokubonelwa enye into okanye zisetyenziswe kwakhona zenze into entsha.
- Isikhululo sosasazo sisasaza iindaba, umculo, kunye nolwazi ukuze abantu abaninzi baphulaphule kwaye bafunde ngezinto ezenzekayo kwiindawo abahlala kuzo.




Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

| Iphepha nomhlathi | Funda | Yithi |
|---|---|---|
| 20, 1 | Emva koko, uKelvin wayechitha iiyure ezininzi ehlanganisa iindawana kwizixhobo zombane ezaphukileyo ukuze zibuye zisebenze kwakhona. Wazifundisa ubunjineli ngokuzama elinga, aphazame efunda, enika umgqalasela ongummangaliso. | Ndenza uhlolo lokuba uKevin ngumntu ozimisela kakhulu kuba uzifundise ubunjineli ngokuzama esenza iimpazamo. Ufanele ukuba wenze iimpazamo ezininzi kwaye uye wazama izinto ngeendlela ezininzi ezahlukileyo. - kodwa akakhange anikezele. |
| 23,1 | Kwinkampu kaDavid, uKelvin wenza itransmitha yakhe nezinye izixhobo ezifunekayo ukusasazela isikhululo sosasazo sendawo yakhe. | Ndenza uhlolo lokuba uKevin ngumntu ozimisele kakhulu, kuba wayenombono wokunceda abantu bendawo ahlala kuyo - waza wasebenza nzima ukwakha yonke into awayeyidinga ngokwesicwangciso. |

Eli bali lisekelwe kwibali eliyinyaniso likaKelvin Doe. UKelvin Doe ligcisa elinguvulindlela elasebenzisa ubuchule bendalo nokuzimisela ukunceda abantu bendawo yakhe.



UKelvin wazalelwa eFreetown, eSierra Leone. Ekukhuleni kwakhe indawo awayehlala kuyo eFreetown yayineengcingo ezininzi zokuhambisa amandla ombane kodwa zazingazisi mbane kumakhaya amaninzi abantu. Izibane zazikhanya mhlawumbi kanye ngeveki. Amaxesha amaninzi abantu babehlala ebumnyameni.



UKelvin wathi eneminyaka elishumi kuphela wathatha isigqibo sokuba iya kuba nguye oya kusombululela abamelwane bakhe ingxaki yombane. UKelvin waqala ngokuqokelela iintsimbi nesinyithi esilahliweyo, izinto zokusebenza ezophukileyo zaza zalahlwa kunye nezixhobo ezisebenza ngombane ezophukileyo. Wayegqogqa kuyo yonke imigqomo yaseFreetown ekhangela nantoni na anokuyifumana ukuze azifundise.



Emva koko, uKelvin wayechitha iiyure ezininzi ehlanganisa iindawana kwizixhobo zombane ezaphukileyo ukuze zibuye zisebenze kwakhona. Wazifundisa ubunjineli ngokuzama elinga, aphazame efunda, enika umgqalasela ongummangaliso.




Wathi xa eneshumi elinesithathu leminyaka uKelvin, wabe enze ibhetri esebenzisa izixhobo ezilahliweyo eziquka isoda, iasidi, isinyithi kunye neteyipu. Le bhetri yayomelele ngokwaneleyo ukuba ikhanyise amakhaya kwingingqi yakhe ize imncede kumsebenzi wakhe omtsha awayewenza.




Emva koko uKelvin weva ngenkampu yamagcisa ayila izinto eyayiqhutywa ngumfana waseSierra Leone ogama linguDavid Sengeh. UDavid wacela umngeni kubantu abatsha ukuba bacinge ngezona ngxaki zinzima zijongene neendawo abahlala kuzo ze beze nezisombululo. UKelvin wathatha isigqibo sokuba ulutsha lwendawo yakhe ludinga ilizwi. UKelvin waqokelela abanye benza iqela baza bafaka isicelo kwinkampu ukuze badibanise benze konke ababeza kukudinga ukuze bamise isikhululo sosasazo ngonomathotholo. “Ukuba sinesikhululo sosasazo, singaxoxa ngemiba edla umzi kwindawo esihlala kuyo nakwiSierra Leone iphela,” wacacisa njalo uKelvin.



Kwinkampu kaDavid, uKelvin wenza itransmitha yakhe nezinye izixhobo ezifunekayo ukusasazela isikhululo sosasazo sendawo yakhe.




Wathi akuba enze yonke into efunekayo, uKelvin waququzela kwakho abasebenzi abasisigxina. Isikhululo sakhe sosasazo saqalisa ukusasaza iindaba, ukufunda izimvo zabantu neembono zabo kwimiyalezo ebhaliweyo, saza sadlala nomculo. Kunomathotholo uKelvin waziwa ngokuba nguDJ Focus. Igama likaKelvin lobuDJ lisuka kwinkolelo yakhe yokuba ngokumilisela ingqondo, nayiphi na into entsha ingenziwa!




Isikhululo sosasazo esingummangaliso sikaKelvin sisakhiwo sobugcisa kanye esasifunwa nguDavid. Injongo ephambili kaDavid yayikukuphuhlisa amawakawaka abantu abatsha ababephupha ngokusombululula iingxaki kwiindawo abahlala kuzo. UDavid wayekholelwa ukuba uKelvin wayenazo izakhono nothando olunzulu lwentakazelelo yokutshintsha ingomso labemi baseSierra Leone. Isikhululo sosasazo selinge lobugcisa sikaKelvin sakhokelela ekubeni aphumelele ibhaso eliphambili kwinkampu kaDavid yehlobo.



UDavid wamthatha ngoku uKelvin njengomninawa wakhe. Wayefuna ukunceda uKelvin anabise ingqondo nezakhono zakhe ngokusebenza nezinye iinjineli. UDavid wancedisa ukuze uKelvin abe yinxalenye yenkqubo yeenjineli ezikhethiweyo kwiYunivesithi yaseMelika eyaziwa ngokuba yiMIT.



UKelvin wayeneminyaka eli16 ubudala, engoyena mntu mncinane wakhe wamenyelwa kule nkqubo. Yayikokokuqala uKelvin ephuma eSierra Leone. UKelvin walithanda eli thuba lokusebenza neenjineli ezinamava aze afunde kuzo. Kodwa, wayekhumbula kakhulu ekhaya – ngakumbi umama wakhe.



Kudliwanondlebe, uKelvin wathi, “ukuzingisa nothando olunothakazelelo zezona zinto ziphambili zokunkcenkceshela zivuselele ubugcisa bendalo.”

Kude kube nanamhla, uKelvin uthe gqolo esebenzisa ukuzingisa nothando olunothakazelelo ukuqhuba isikhululo sakhe sosasazo, ukwenza izinto ezintsha, nokunceda ekwenzeni ubomi bosapho lwakhe, nobabantu bendawo ahlala kuyo kunye nelizwe lakhe libe ngcono.





Ufundo 1

**Wakhulela phi uKelvin?**
Wakhulela eFreetown, eSierra Leone.

**Yayingubani isiqhulo sikaKelvin kwisikhululo sakhe sosasazo?**
Isiqhulo sakhe yayinguDJ Focus.

**Kwakutheni ukuze uKevin afune ukuqala isikhululo sosasazo?**
- Kuba wathatha isigqibo sokuba ulutsha lwendawo awayehlala kuyo lwaludinga ilizwi.
- Ukunceda anike abantu bendawo ahlala kuyo indawo yokuxoxa imiba eychaphazela indawo abahlala kuyo/ ilizwe labo.
- Kuba wayecinga oku kwakuza kunceda kwenze indawo ahlala kuyo ibe yindawo engcono.



Ufundo 2

**Kwakutheni ukuze uKelvin afune ukwakha isikhululo sosasazo?**
Kuba wayecinga ukuba abantu bendawo yakhe babedinga indawo yokwabelana nokuxoxa ngeembono nezimvo zabo.

**Kutheni igama likaKevin lobuDJ linguDJ Focus?**
Igama likaKevin lobuDJ livela kwinkolelo yakhe yokuba ngokumilisela ingqondo naluphi na usungulo lungenzeka.

**Bobuphi ubungqina obusebalini obusibonisa ukuba uKevin ungumntu ozimiseleyo?**
- Wazifundisa ubunjineli.
- Waziqondela indlela yokwenza ibhetri ngezinto ezisetyenziswe kwakhona.
- Wenza ibhetri yokukhanyisa kowabo.
- Weva ngenkampu ezisa utshintsho waza waqokelela iqela lokwenza isicelo.
- Waba nembono yokulungisa ingxaki kwindawo awyehlala kuyo, waza wasebenza nzima ukwenza kwenzeke.

IBALI 3

# UZWELI UYAZITHETHELA

## Umxholo: Senza umahluko





### Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi bakho baqonde ukuba kuyintoni ukunyhukula, indlela ukunyhukula ekwenza abantu bazive ngayo. Likwabonisa indlela abanokubonisa ngayo ububele nobugorha ngokumela abanye baze bacele uncedo kubantu abadala abathembekileyo.



### Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Ukunyhukula kwenzeka xa umntu othile ephindaphinda ukuthetha okanye ukwenza izinto ezivisa ubuhlungu komnye ukumenza azive ekhathazekile, esoyika, okanye evalelwe ngaphandle.
- Abantu baneemeko ezahlukileyo. Ezinye iintsapho zinemali eninzana kunezinye. Abantwana banokunxiba iimpahla ezindala, ezikrazukileyo, okanye iimpahla nezihlangu ezipetshiweyo kuba iintsapho zabo zingafikeleli ekuthengeni ezintsha.
- Ngamanye amaxesha abantu bayanzinyelwa kukwenza okulungileyo, ngakumbi xa becinga ukuba baza kuqunjelwa ngabanye.
- Umsebenzi katitshala kukunceda ekugcineni abantwana bekhuselekile esikolweni. Abafundi kufuneka bathethe nootitshala babo xa benyhukulwa okanye xa bebona omnye enyhukulwa.



### Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Buza imibuzo / Zibuze

- Yintoni: Kukucinga ngebali ukwabuza imibuzo ngebali elixa ufundayo.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukusoloko sinomdla nokufumanisa ngakumbi njengoko ufunda.
- Inceda njani: Ikugcina ubandakanyekile kwaye ikunceda uqonde ngcono ibali. Ikwakunceda uqikelele okuza kwenzeka ebalini.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

| Iphepha nomhlathi | Funda | Yithi |
|---|---|---|
| 33, 4 | "Awukhangeleki kakuhle," watsho umama kaZweli njengoko wayesusa ipapa esitovini. | Ndiyazibuza kutheni uZweli ekhangeleka ekhathazekile? Ndicinga unokuba ukhathazekile kuba uLungi enyhukulwa. |
| 35, 3 | "Kuvakala njengecebo elihle oko," watsho umama wakhe. "Ndicinga ukuba leyo yinto obunokunqwenela ukuba umntu akwenzele yona." | Ndiyazibuza ingaba uZweli uza kuthatha isigqibo sokunceda uLungi esikolweni? Ndicinga ukuba ufuna ukwenza into eya kunceda umhlobo wakhe, kodwa nayo ingamenza azive esoyika! |

“Bekunjani esikolweni namhlanje?” wabuza umama kaZweli njengoko wayezamisa ipapa.

“Beku… kuhle,” watsho uZweli. Wahlala phantsi etafileni.

UZweli wacinga ngexesha lekhefu. Wacinga ngoLungi. Wacinga ngendlela abanye abantwana ababenyhukula ngayo uLungi.

“Awukhangeleki kakuhle,” watsho umama kaZweli njengoko wayesusa ipapa esitovini.



“Inje le nto, abanye abantwana bayamnyhukula uLungi,” waphendula uZweli.

“Kutheni bemnyhukula?” wabuza umama wakhe.

“Bathe izihlangu zakhe ufanele ukuba uzichole emgqomeni,” watsho uZweli. “Bathe umdaka ngathi yintombi yenkunkuma, kuba izihlangu zakhe zikhamisile. Kodwa uyakhumbula kulo nyaka uphelileyo? Izihlangu zam zazikrazukile, kanye njengezi zikaLungi.” watsho uZweli.



“Ndiyacinga ungenza ntoni ukunceda?” wabuza umama wakhe.

UZweli wacinga ngale meko. “Mhlawumbi kwixesha elizayo ndingabaxelela abanye abantwana bayeke ukumnyhukula,” wacebisa ngelitshoyo.

“Kuvakala njengecebo elihle oko,” watsho umama wakhe. “Ndicinga ukuba leyo yinto obunokunqwenela ukuba umntu akwenzele yona.”



Ngosuku olulandelayo yakhala intsimbi ichaza ixesha lekhefu. UZweli waziva engazinzanga emoyeni. UZweli wayenexhala. “Kuza kwenzeka ntoni xa ndixelela abanye abantwana ukuba mabayeke ukunyhukula uLungi?” Wazicingela njalo.


“Mhlawumbi baza kuthi ijezi yam nayo ndiyichole enkunkumeni elahliweyo,” wacinga njalo njengoko wayejonga umngxuma omkhulu emkhonweni wayo. “Mhlawumbi uSibusiso okanye uLutho uza kuba nomsindo andibethe,” wacinga.



Akuphuma phandle, uLungi wayehleli yedwa. Wayehleli phantsi bhaxa ezama ukugquma izihlangu zakhe.

USibusiso noLutho beza kuLungi. Abanye abantwana baqokelelana bamngqonga. “Makhe sibone namhlanje izihlangu zakho eziyinkunkuma emdaka,” wanyhukula watsho uLutho.

“Khawutsho, ingaba uhlala enkunkumeni?” wahleka uSibusiso. Abanye abantwana bakhomba behleka.



UZweli wema phambi koLungi. “Yekani le nto niyenzayo!” watsho. “Yekani ukunyhukula omnye umntwana.”

Intliziyo yakhe yayibetha ngamandla. Ubuso bakhe babunesifuthufuthu.



“Zweli yiza apha!” wakhwaza watsho uMnu. Mabuya. Wayemi phandle eklasini yakhe.


“Oo yini!” wacinga njalo uZweli, “Ngoku uMnu. Mabuya uza kucinga ukuba nam ndingumnyhukuli. Bendizama ukunceda, ngoku ndisengxakini.”



“Ndikubonile uthethelela uLungi, watsho uMnu. Mabuya.

“Ndiyazidla ngawe.” UMnu. Mabuya wanika uZweli isincanyatheliswa soncumo. “Kwilixa elizayo ungeza kundixelela nam,” watsho uMnu. Mabuya. “Ndikho ukuze ndincede nam.”

UZweli wayengakwazi kulinda ukuze axelele umama wakhe ngosuku lwakhe.





Ufundo 1

**Ngubani owayenyhukulwa esikolweni?**
ULungi wayenyhukulwa esikolweni.

**Ebenyhukulwa ngubani?**
NguLutho noSibusiso. Kwakukho nabanye abantwana.

**Ngubani onike uZweli isincanyatheliswa?**
NguMnu. Mabuya.

**Kwakutheni ukuze uMnu. Mabuya anike uZweli isincanyatheliswa?**
- Kuba uZweli uxelele abanye abantwana ukuba bayeke ukunyhukula uLungi.
- Kuba uZweli wenze into elungileyo.
- Kuba uMnu. Mabuya wayezingca ngoZweli.



Ufundo 2

**Kwakutheni ukuze abanye abantwana banyhukule uLungi?**
Kuba izihlangu zakhe zazinemingxuma.

**Ingaba wakhe wema wathethelela umhlobo njengoZweli? Ingaba ukhona umntu owakha wema wakuthethelela?**
Phulaphula imihlomlo yabafundi.

**Ingaba ucinga ukuba uZweli wenza into elungileyo?**
Phulaphula imihlomlo yabafundi

**Kwakutheni ukuze uZweli athathe isigqibo sokuma athethe?**
- Kuba wayengafuni ukuba abanye abantwana banyhukule uLungi.
- Kuba uZweli wayesazi ukuba abanye abantwana bangamnyhukula naye.
- Kuba uZweli angathanda ukuba kubekho umntu oma amthethelele naye xa enokunyhukulwa.

# IBALI 4
# UGRETA THUNBERG, IQHAWE LOTSHINTSHO LWEMOZULU

Umxholo: Senza umahluko





### Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingumxube wenyani nokungeyonyani.
- Lenzeka eSweden.
- Lenzeka kwixesha elisanda kudlula.
- Eli bali liza kunceda abafundi bakho baqonde ukuba singenza umahluko ngokuphakama sithethe ngemiba ebalulekileyo. Likwabonisa ukuba singenza intshukumo, ze sikhuthaze abanye ekwenzeni utshintsho olubukekayo ehlabathini.



### Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Fumana uze ukhumbule iinkcukacha

- Yintoni: Kukukhangela nokukhumbula iinkcukacha ezibalulekileyo ezifana nabalinganiswa, indawo kunye neziganeko.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukugcina okwenzekileyo nokuqonda ngcono ibali.
- Inceda njani: Ikunceda uthethe ngebali kwaye uqonde nokulandelelana kweziganeko.



### Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- I-autism yimeko apho ingqondo iphicotha ulwazi ngendlela eyahlukileyo. Oku kungenza ukuthetha, ukunxibelelana nabanye, nokumelana notshintsho kube nobunzima.
- Zininzi iindidi ezahlukileyo ze-autism. Umntu ofana noGreta Thunberg uneNqanaba 1 le-autism, oku kuthetha ukuba unako ukusebenza ngokuzimeleyo kwaye unezinto anamandla kuzo. Noxa kunjalo, usenako ukufumana ubunzima ukunxibelelana nokusebenzisana nehlabathi.
- Yiba nomonde kwaye ucacise xa unxibelelana nomntu one-autism. Kwenze oku ngqokuthetha ngqo le nto uyifunayo kwaye umnike ixesha lokuphendula imibuzo okanye incoko.
- Umntwana one-autism usenokubona, eve ngeendlelbe, abe neemvakalelo ezigqithisileyo. Zama ukukuqonda oku. Ukuba ubona lo mntwana ethula athi tu okanye entlimpinika, zama ukumnika ithuba lokuba yedwa kwindawo ezolileyo.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

| Iphepha nomhlathi | Funda | Yithi |
|---|---|---|
| 49, 1 | Abanye abantwana bakhawuleza balibala ngevidiyo yaseklasini, kodwa hayi uGreta. Wafunda lonke ulwazi awayenokulufumana ngotshintsho kwisimo semozulu. Wakhangela kwi-intanethi imibhalo kunye nezifundo. Wabukela iividiyo kuYou Tube. Waba yingcaphephe kutshintsho lwesimo semozulu. | Wenza njani uGeeta ukuze abe yincutshe yoTshintsho lweMozulu? Oo! Ndifunda ukuba wafunda kakhulu waza wabukela iividiyo ukufunda konke awayenokukufunda. |
| 53, 1 | UGreta wavuma ukwenza intetho phambi kwamawakawaka abantu kwindibano enkulu yesimo semozulu. Abazali bakhe babekhathazekile, besoyikisela ukuba i-autism ingamenza angakwazi ukuthetha phambi kwenginginya yabantu. Kodwa ukuzinikela ngokuzimisela kukaGreta kwamnceda waloyisa uloyiko lwakhe. | Yintoni eyanceda uGeeta oyise uloyiko lwakhe? Oo! Ndifunda ukuba ukuzimisela kwakhe kwamnceda waloyisa uloyiko lwakhe. |

UGreta Thunberg yintombazana ekhulele kwilizwe elibizwa ngokuba yiSweden. Ubomi bukaGreta bokukhula babungekho lula. Unemeko yempilo ebizwa ngokuba yiAutism Spectrum Disorder. Oku kuthetha ukuba ingqondo yakhe isebenza ngendlela eyahlukileyo kweyabanye abantu. Yenza ukuba kube nzima ukuthetha naye, kube nzima nokuqhagamshelana nabanye abantu.




Kodwa i-autism iyamvumela ekumiliseni ingqondo aze aqonde izinto ngendlela enzulu. UGreta wathatha isigqibo sokusebenzisa i-autism njengesipho sokulwela oko wayekholelwa kuko. UGreta wasebenzisa onke amandla akhe ekuzameni ukusindisa okusingqongileyo ngokulwa nento eyaziwa ngokuba "yimeko yokutshintsha kwesimo semozulu."



UGreta waqala ukufunda ngotshintsho lwesimo semozulu xa utitshala wakhe wababukelisa ividiyo yeeplastiki elwandle neebhere ezimhlophe. Njengoko intwazana enguGreta yayibukele, yakhala. Umfanekiso weelwandlekazi ezingcolisekileyo wanamathela engqondweni kaGreta. Akazange abuye akwazi ukucinga ngenye into. Wathatha isigqibo sokuba kubekho into ayenzayo ukusindisa iplanethi enguMhlaba.



Utitshala kaGreta wacacisa ukuba ungcoliseko lomoya oluvela kwisininzi seemoto, iinqwelomoya, izitishi zamandla ombane kunye nemizimveliso, konke oku kwenza ihlabathi lethu linyuke iqondo lobushushu balo. Utitshala wakhe waxelela iklasi ukuba irhasi eyenziwa ziinkomo nayo yenza iqondo lobushushu lehlabathi linyuke. Oku kubizwa ngokuba kukutshintsha kwesimo semozulu, kwaye kutshabalalisa iplanethi enguMhlaba.



Abanye abantwana bakhawuleza balibala ngevidiyo yaseklasini, kodwa hayi uGreta. Wafunda lonke ulwazi awayenokulufumana ngotshintsho kwisimo semozulu. Wakhangela kwi-intanethi imibhalo kunye nezifundo. Wabukela iividiyo kuYou Tube. Waba yingcaphephe kutshintsho lwesimo semozulu.



UGreta waqalisa wasebenzela utshintsho kwikhaya lakhe. Watshintsha indlela yokucinga kwabazali bakhe batshintsha indlela yabo yokuphila. Watshintsha ingqondo kamama wakhe ukuba ayeke ukusebenzisa iinqwelomoya. Watshintsha utata wakhe ayeke ukutya inyama. Watshintsha lonke usapho lungayisebenzisi iplastiki. Oku kwamenza uGreta waqonda ukuba unokwenza utshintsho olukhulu ehlabathini, ngokutshintsha iingqondo zabantu zicinge ngendlela abona ngayo.



UGreta wathatha isigqibo sokuqhankqalaza ngaphandle ePalamente eSweden. Wapeyinta uphawu kwiceba leplanga. Wabhala phantsi amanqaku kwiphekepheke aza kulinikezela. Emva koko, wakhwela ibhayisekile yakhe waya kwisakhiwo sasePalamente. Ngolu suku lokuqala, uGreta wahlala yedwa. Abantu abadlulayo bema bamjonga.



Kodwa ngosuku lwesibini abantu bamxhasa bayinxalenye. Emva koko kwabakho abantu ngalo lonke ixesha. Iinyanga ngeenyanga, uGreta wakhokela uqhankqalazo egxeka utshintsho lwesimo semozulu kwilizwe lakhe.



UGreta wafumana iinkxaso nohoyo oluncumisayo eSweden. Kodwa wathatha isigqibo sokuba ufuna ukwenza ngakumbi! UGreta wavuma ukwenza intetho phambi kwamawakawaka abantu kwindibano enkulu yesimo semozulu. Abazali bakhe babekhathazekile, besoyikisela ukuba i-autism ingamenza angakwazi ukuthetha phambi kwenginginya yabantu. Kodwa ukuzinikela ngokuzimisela kukaGreta kwamnceda waloyisa uloyiko lwakhe. Amawakawaka abantu amqhwabela izandla uGreta aza ayicholachola intetho yakhe kwiividiyo.



Waza uGreta wathatha isigqibo sokusebenzisa amajelo onxibelelwano kunye neintanethi, amnceda ukuthumela imiyalezo yakhe ebantwaneni kwihlabathi jikelele. Waxhoma iifoto zokuqhankqalaza kwakhe kuInstagram.

Waxhoma iividiyo zeentetho zakhe kuFacebook. Wabhala imiyalezo kuTwitter. UGreta wasebenzisa i-intanethi ukuze aqhagamshelane namawakawaka abantwana abakhathala ngotshintsho lwezulu kwihlabathi jikelele.



UGreta wakhe wathi, “Bendisoloko ndiyintombazana ema emva ezintweni ndingalahlekelwa nalelimdaka. Ndandicinga ukuba andingeze ndenze mahluko kuba ndandimncinane kakhulu.”

Kwisithuba nje sonyaka, uGreta waphefumlela amawakawaka abantwana abaphuma macala onke omhlaba ukuba baqhankqalaze bethetha ngotshintsho lwemozulu.





Ufundo 1

**Ngowuphi lo mba wayewukhathalele uGreta?**
- Wayekhathalele utshintsho lwesimo semozulu.
- Wayekhathalele ukusindisa iplanethi.

**Yintoni into enye awayisebenzisela yona i-intanethi uGreta?**
- Ukuze abe yingcaphephe kutshintsho lwesimo semozulu.
- Ukuxhoma iifoto kuInstagram.
- Ukuxhoma iividiyo kuFacebook.
- Ukubhala kuTwitter.
- Ukuqhagamshelana nabantwana kwihlabathi jikelele.

**Wawudlulisa njani uGreta umyalezo wakhe ngotshintsho lwesimo semozulu?**
- Wajika iingqondo zabazali bakhe batshintsha iindlela zabo zokwenza.
- Waqhankqalaza phandle ePalamente.
- Wenza uphawu ngotshintsho lwesimo semozulu.
- Wenza iiflaya zokunika abantu.
- Wenza intetho kwindibano enkulu yasesidlangalaleni.
- Waxhoma iifoto
- Waxhoma iividiyo.
- Wasebenzisa amakhasi onxibelelwano.



Ufundo 2

**Yintoni ebangela utshintsho lwesimo semozulu. Nika ibe nye?**
- Ungcoliseko lomoya olubangwa ziimoto, iinqwelomoya, izitishi zombane kunye nemizimveliso.
- Irhasi ekhutshwa ziinkomo nayo yenza iqondo lobushushu linyuke ehlabathini.
- Ungcoliseko.

**Ucinga ukuba yintoni eyenza uGreta abukwe ngeyona ndlela?**
- Ndicinga ukuba uGreta uyabukwa kuba...

**Kwakutheni ukuze uGreta athathe isigqibo sokusebenzisa amakhasi onxibelelwano?**
- Wayefuna ukutshintsha iingqondo zabantu abalinani elithe chatha ukuze balwe utshintsho lwesimo semozulu.
- Wayenokusebenzisa amakhasi onxibelelwano ukufikelela kubantwana behlabathi jikelele.
- Kuba waqonda ukuba abantu kwihlabathi jikelele kufuneka basebenze kunye ukusindisa iplanethi.
- Kuba wayefuna abanye abantwana baqonde ukuba banganako ukuqhankqalaza bavakalise izimvo zabo ngokuphandle.

IBALI 5

# UTREVOR NOAH, UKUMKANI WOKUNGENA GINGCI

Umxholo: Abantu esingabo





### Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingumxube wenyani nokungeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kwixesha elisanda kudlula.
- Eli bali liza kunceda abafundi bakho baqonde ukuba lwaluyintoni uCalucalulo, nendlela imithetho ekhohlakeleyo yayichaphazela ngayo ubomi babantu. Libonisa indlela uTrevor Noah awasebenzisa ngayo ulwimi, uburharha, nokuzimisela waza woyisa imingeni wazuza ukuziva eyinxalenye.



### Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Kukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Kukunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



### Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- UCalucalulo lwaluyinkqubo yemithetho eMzantsi Afrika eyayisahlula abantu ngokobuhlanga. Ngexesha loCalucalulo, abantu beentlanga ezahlukileyo babengaphathwa ngendlela efanayo nelinganayo, kwaye babengenamalungelo namathuba afanayo.
- UMzantsi Afrika likhaya kumaqela amaninzi eenkcubeko neelwimi ezahlukileyo. Abantu bangasoloko benxibelelana kwaye bakhe ubuhlobo ngokuthi omnye afunde ulwimi lomnye.
- Ukuba ngoweqela kuthetha ukwamkelwa, ukwenziwa inxalenye, nokuxatyiswa liqela labantu. Ngamanye amaxesha abantu baziva bohlukile kwabo babangqongileyo baye badinge ukufumana iindlela zokunxulumana nabanye.
- Iqhula ngumntu ohlekisa abantu ngeziqhulo, amabali, nangokwenza. UTrevor Noah waduma ngenxa yokusebenzisa uburharha ukubalisa amabali ngobomi bakhe nehlabathi elimngqoleyo.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

| Iphepha nomhlathi | Funda | Yithi |
|---|---|---|
| 61, 1 | Umama kaTrevor wayengumntu oMnyama, engumXhosa. Umama kaTrevor wophula imithetho engalunganga yoRhulumente wocalucalulo. Waya kuhlala kwindawo yaseRhawutini eyayibekelwe abaMhlophe kuphela. Wahlangana apho notata kaTrevor. Wayeyindoda eMhlophe evela eSwirtzerland. Bafumana uTrevor, umntwana weentlanga ezixubeneyo. | Ndingazithathela isigqibo esisekwe kulwazi olusebalini ndithi, abantu bosapho lukaTrevor babengafani. |
| 67, 1 | Ngoko ke, uTrevor waqala ishishini. Wayeqokelela imali kwabanye abantwana aye kubathengela ukutya esikroxweni. Ngenxa yeshishini lakhe, uTrevor wathetha namaqela onke abantwana basesikolweni sakhe. UTrevor wafunda indlela yokungena kwabanye ngokuqhula enze abantu bahleke. Ukuba ngumntu owenza izinto ezingaqhelekanga kwamnceda uTrevor abe lilovane elilunga kwindawo yonke! | Ndizithathela isigqibo esisekwe kulwazi olusebalini ndithi, uTrevor wafumana iindlela zobuchule ezahlukileyo zokungena gingci. Umzekelo, wazama ukufunda iilwimi ezininzi. Waqala ishishini elamnceda wanesizathu sokuthetha nomntu wonke, enze wonke umntu ahleke. |

Wakhe weva ngoTrevor Noah? Liqhula lodumo elingumbhali waseMzantsi Afrika. UTrevor ubhale incwadi ethi, 'Born a Crime' ingenzima awakhula ngayo ngexesha loRhulumente wocalucalulo.



Ngexesha loRhulumente wocalucalulo, abantu beentlanga ezahlukileyo kwakufuneka bohluliwe. Yayikukwaphula umthetho ukuthi abantu abohluke ngebala babe nabantwana kunye okanye batshate. Kodwa ke, abantu abahluke ngebala babethi ngamanye amaxesha bathandane babe nabo nabantwana.




Umama kaTrevor wayengumntu oMnyama, engumXhosa. Umama kaTrevor wophula imithetho engalunganga yoRhulumente wocalucalulo. Waya kuhlala kwindawo yaseRhawutini eyayibekelwe abaMhlophe kuphela. Wahlangana apho notata kaTrevor. Wayeyindoda eMhlophe evela eSwirtzerland. Bafumana uTrevor, umntwana weentlanga ezixubeneyo. Ngelo xesha lalilibi kunene, uTrevor kwakunzima ukuba amkeleke ncam. Wayengavunyelwa ukuba abe kwiindawo zabantu abaMhlophe. Wayengavunyelwa nokuba abe kwiindawo zabantu abaMnyama. Kwaye yayinguye kuphela kusapho lwakhe owayeluhlanga oluxutyiweyo.



Ebuntwaneni bakhe uTrevor, abazali bakhe ngamanye amaxesha babemsa epakini. Kodwa babesazi ukuba bangasengxakini ukuba amapolisa ayenokufumanisa ukuba balusapho. Ngoko ke xa besiya epakini babesenza ngathi abazani!



Ngenye imini uTrevor esengumntwana omncinci kakhulu, wakhwaza esithi, “Tata!” wabaleka esiya kutata wakhe. Utata wakhe wayesoyika ukuba kungenzeka into embi. Wambaleka umntwana wakhe. Kodwa umntwana onguTrevor yena wacinga ukuba kuyadlalwa, waza wamleqa apho epakini ekhwaza, “Tata!”



UTrevor wayechitha ixesha elininzi kumakhulu wakhe eSoweto. Ngelo xesha kwakuvumeleke abantu abaMnyama kuphela ukuba bahlale eSoweto. Usapho lukaTrevor lwalunexhala lokuba xa enokubonwa ngamapolisa angazama ukumohlutha kusapho lwakhe. Ngoko ke uTrevor wayengavumelekanga ukuba adlale esitalatweni kunye nabanye abantwana!

UTrevor wakhe waziva edikiwe efuna ngamandla ukudlala nabanye waza womba umngxuma wokuthubeleza phantsi kocingo olubiyele indlu yakowabo!



UTrevor wafunda ukuba ulwimi yayisisixhobo esibaluleke kakhulu ukwakha iibhulorho nabantu abohlukileyo kuye. UTrevor wakhe wathi akufunda iilwimi, Waguquka walilovane. Ngamanye amazwi, uTrevor wafumanisa ukuba xa ethetha ulwimi lomntu othile, bayalibala ukuba ukhangeleka ngendlela eyahlukileyo kunabo. Ulwimi lwalumnceda azive eyinxalenye kwiindawo ezininzi apho wayekhangeleka ngokwahlukileyo khona.



Xa uTrevor wayeneminyaka elishumi, uRhulumente wocalucalulo waphela. UTrevor waya kwisikolo semfundo ephakamileyo esikhulu esinabantwana abangaphezu kwewaka. Kwisikolo sikaTrevor kwakukho abantwana beBala, amaNdiya, amaTshayina, abaMnyama nabaMhlophe. Kodwa kubo bonke abantwana besikolo sakhe uTrevor yayinguye yedwa umntwana oluhlanga oluxutyiweyo. Wayeba nengxaki yokwazi ukuba makahlale nabani ngexesha lekhefu.



Ngoko ke, uTrevor waqala ishishini. Wayeqokelela imali kwabanye abantwana aye kubathengela ukutya esikroxweni. Ngenxa yeshishini lakhe, uTrevor wathetha namaqela onke abantwana basesikolweni sakhe. UTrevor wafunda indlela yokungena kwabanye ngokuqhula enze abantu bahleke. Ukuba ngumntu owenza izinto ezingaqhelekanga kwamnceda uTrevor abe lilovane elilunga kwindawo yonke!



Kubomi bakhe bonke, uTrevor wayeziva njengevezandlebe ngeendlela ezininzi ezahlukileyo. UTrevor wafumana iindlela ezininzi ezahlukileyo zokuba amkeleke. Waqaphela waza wajonga abantu. Wafunda iilwimi zabo. Wafunda indlela yokwenza zonke iindidi zabantu ezahlukileyo zihleke. Ukwahluka kuko okwanceda uTrevor abe liqhula lodumo lale mihla!





## Ufundo 1

**Wazalwa ngaliphi ixesha uTrevor?**
UTrevor wazalwa ngexesha loRhulumente wocalucalulo.

**Wayehlala phi umakhulu kaTrevor?**
Wayehlala eSoweto.

**Wenza ntoni uTrevor ukuzama ukuba yinxalenye yabanye?**
- Wafunda iilwimi ezininzi.
- Waqala ishishini esikolweni.
- Wafunda ukuhlekisa abantu.

**Kwakutheni ukuze uTrevor kube nzima kuye ukuziva eyinxalenye yabanye?**
- Kuba wayekhangeleka ngokwahlukileyo kumntu wonke kusapho lwakhe.
- Kuba wayengavumelekanga ukudlala nabanye abantwana kuba wayenokuthathwa ngamapolisa.
- Kuba kwisikolo semfundo ephakamileyo, yayinguye yedwa umntwana wohlanga oluxutyiweyo. Wayeziva engathi gingci lula kwamanye amaqela abantwana esikolweni.



## Ufundo 2

**Wakhulela phi uTrevor?**
Wakhulela eRhawutini.

**Yintoni onokuzithathela isigqibo ngayo ngokulandela ibali uthi yayinzima ebomini bukaTrevor?**
Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali ndithi kwakunzima kuTrevor uku...

**Laliyintoni ishishini likaTrevor?**
Wayeqokelela imali kwabanye abafundi abathengele ukutya esikroxweni.

**Ucinga ukuba kutheni eli bali libizwa ngokuba “UTrevor Noah, ukumkani wokungena gingci”?**
- Kuba uTrevor kwafuneka efunde ukungena athi gingci kwindawo yonke, kwaye oku wakweza ngempumelelo, wayeyikumkani okanye incutshe yako.
- Kuba uTrevor wafunda ukuba iilwimi ziyamnceda ukuba athi gingci kwindawo yonke.
- Kuba ukuhlekisa abantu kwamnceda uTrevor wathi gingci kwindawo yonke.
- Kuba ishishini likaTrevor lamnceda angene gingci kubantu bonke abahlukileyo.

IBALI 6

# UMZANTSI AFRIKA WOMNTU WONKE



## Umxholo: Abantu esingabo



### Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi bakho baqonde ukuba ubuqu bethu bubunjwa ngamasiko nezithethe zethu, neenkcubeko kwaye zonke izithethe namasiko ethu zibalulekile ziyinxalenye yethu sonke kwiindawo esihlala kuzo.



### Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- USuku lweNkcubeko lusuku lweholide kawonkewonke eMzantsi Afrika. Inkcubeko ngamasiko nezithethe ezililifa lethu elivela kusapho namanyange.
- Abantu abahlala eMzantsi Afrika banamanyange nezizalwane ezivela kwiindawo ezininzi ezahlukileyo.
- Umntu angangowamaqela adlulieyo kwenye inkcubeko okanye ilizwe. Umzekelo, umntu angangummi woMzantsi Afrika aze abe nayo nenkcubeko yelinye ilizwe.
- Abantu bangakhangeleka bahlukile, bathethe iilwimi ezahlukileyo, okanye banxibe iimpahla ezahlukileyo. Kubalulekile ukuhlonipha nokwenza oweqela wonke ubani, nokuba wahlukile kuthi.



### Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Kukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Kukunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.




Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

| Iphepha nomhlathi | Funda | Yithi |
|---|---|---|
| 75, 1 | “Ndiyacinga, ingaba mna ndivumelekile ukubhiyozela amasiko am njengomBurundi ngoSuku lweNkcubeko?” wacinga njalo. | Ndingazithathela isigqibo esisekwe kulwazi olusebalini ndithi, uOlivier uyayithanda inkcubeko yakhe kwaye uyaziqhayisa ngayo - kodwa unexhala ayingeni gingci eklasini yakhe yaseMzantsi Afrika. |
| 78, 1 | Ngobo busuku, uOlivier waphupha ngeklasi yakhe ngoSuku lweNkcubeko. Bonke abantwana babenxibe iimpahla zabo zesiNtu.  Kodwa yena wayengakhangeleki njengabanye. Wayemi embindini wegumbi ngelixa bonke abanye bemkhomba bemhleka. | Oo! Ndingazithathela isigqibo esisekwe kulwazi olusebalini ndithi, uOlivier ukhathazeke kakhulu ngokuza kucingwa ngabanye ukuba unxibe isinxibo sakhe sesintu saseBurundi. Ndicinga ukuba unexhala lokuba abanye baza kuthi akangommi wenene waseMzantsi Afrika. |

Abantu abahlala eMzantsi Afrika banezinyanya okanye izizalwana ezazivela kwiindawo ezininzi ezahlukileyo. Elinye ilizwe abantu abaseMzantsi Afrika abavela kulo yiBurundi. Abantu abaninzi bemka eBurundi bebaleka imfazwe eyathatha iminyaka elishumi elinesithathu.

IBurundi lilizwe elincinane kwiMpuma yeAfrika. Isixeko esiyintloko yiBujumbura. Olona lwimi luthethwa ngabaninzi kuthiwa yiKirundi.




Igubu iKaryenda ligubu elivela eBurundi lenkcubeko yabo. La magubu abo abethwa ngemibhiyozo ebalulekileyo njengomuganuro (umbhiyozo wamazimba) neminye imicimbi ebaluleke ngokukodwa.

“Seyiza kuba luSuku lwezeNkcubeko. Ngomso siza kubhiyozela zonke iinkcubeko ezikhoyo eMzantsi Afrika kunye namasiko!” uMnu. uDuba wachaza. “Leliphi isiko elibaluleke ngokukodwa kwinkcubeko yakho?”

UIthabeleng waphakamisa isandla sakhe. “Ndithanda xa ingumcimbi obalulekileyo ze mna nomama wam sinxibe izishweshwe!” watsho.

“Oo! Ndithanda umxhentso Indlamu kweyam inkcubeko,” watsho uFunani.



UOlivier wahlala ethe cwaka esitulweni sakhe. Wayecinga ngamagubu ayiKaryenda abethwa ngamadoda kwimibhiyozo eBujumbura. “Ndiyacinga, ingaba mna ndivumelekile ukubhiyozela amasiko am njengomBurundi ngoSuku lweNkcubeko?” wacinga njalo.



Yakhala intsimbi ekupheleni kosuku. “Ningalibali ukuba umntu unxiba nantoni yenkcubeko yakhe ngomso sibhiyozele onke amasiko ethu eMzantsi Afrika!” wachaza uMnu. Duba.

“Ingaba ndivumelekile mna ukunxiba ipagne yam?” wazicingela engazi uOlivier.



UOlivier wayekhathazekile ngumcimbi wesinxibo soSuku lweNkcubeko kwade kwalixesha lokulala.



Ngobo busuku, uOlivier waphupha ngeklasi yakhe ngoSuku lweNkcubeko. Bonke abantwana babenxibe iimpahla zabo zesiNtu. Kodwa yena wayengakhangeleki njengabanye. Wayemi embindini wegumbi ngelixa bonke abanye bemkhomba bemhleka.

“Yintoni leya?” wagigitheka uIthabeleng.

“AsiyoyaseMzantsi Afrika!” watsho uFunani!

“UOlivier akangowalapha!” wachaza uMnu. Duba.



Iphupha elibi likaOlivier laphazanyiswa ngutata wakhe emshukumisa ngokuthambileyo.

“Olivier, lixesha lesikolo,” watsho uMnu. Buyoya.

“Andifuni ukuya esikolweni namhlanje,” waphendula watsho uOlivier.

“Kuba kutheni, yintoni ingxaki?” wabuza uMnu. Buyoya.

“Namhlanje luSuku lweNkcubeko esikolweni. UMnu. Duba uthe ze sinxibe impahla sibhiyozele inkcubeko yethu yaseMzantsi Afrika. Kodwa mna eyam inkcubeko asiyiyo eyaseMzantsi Afrika,” watsho uOlivier.

“Ewe, inkcubeko yakho isenokungabi yeyaseMzantsi Afrika kodwa unayo inkcubeko yakho ebalulekileyo neyodwa.

USuku lweNkcubeko lolokubhiyozela bonke abemi boMzantsi Afrika – oko kuquka abemi boMzantsi Afrika beenkcubelo zonke!” watsho uMnu. Buyoya ngelizwi elithambileyo.

“Linda apha!” watsho.



Utata kaOlivier wabuya wangena egumbini ephethe ipagne endala waza wancedisa uOlivier ayinxibe. “Ngoku ukhangeleka ukulungele ukubetha igubu lakho iKaryenda!” watsho uMnu. Buyoya.



UOlivier wazibuka isinxibo sakhe saseBurundi esipilini. Kodwa uncumo lwakhe lwanyamalala msinya. “Ndakuthini ukuba kukho othe andinguye omnye wabo?” waba nexhala.

“Uze umxelele ukuba uMzantsi Afrika ngowethu sonke. Ungummi waseMzantsi Afrika ozingcayo onenkcubeko yaseBurundi!” uMnu. Buyoya wamchazela.




UOlivier wayebhekabheka njengoko wayesiya kwigumbi lakhe lokufundela. Wazilungiselela ukukhonjwa ahlekwe. Waphindaphinda intetho katata wakhe engqondweni: “UMzantsi Afrika ngowethu sonke. Ndingummi waseMzantsi Afrika ozingcayo onenkcubeko yaseBurundi.”



Kodwa akuzange kubekho namnye othi uOlivier akanguye omnye wabo.

“Wowu! Ndiyasithanda isinxibo sakho,” watsho uIthabeleng.

“Ndifuna ukufunda ngenkcubeko yakho!” watsho uFunani.





Ufundo 1

**Luvela phi usapho lukaOlivier?**
Luvela eBurundi.

**Luhlala phi usapho lukaOlivier ngoku?**
Luhlala eMzantsi Afrika.

**Kwakutheni ukuze uOlivier angafuni ukuya esikolweni?**
- Kuba wayecinga ukuba uSuku lweNkcubeko lwalwenzelwe ukubhiyozela iinkcubeko ezithile.
- Kuba wayengazi ukuba angasinxiba isinxibo senkcubeko yakhe yaseBurundi.
- Kuba wayeziva ngathi akayonxalenye yabanye.
- Kuba wayesoyika ukuba abanye abantwana bangamenza into yokuhlekisa okanye bamxelele ukuba akayonxalenye yabo.



Ufundo 2

**Yintoni inkcubeko kaOlivier?**
Inkcubeko yakhe yeyaseBurundi.

**Kwenzeka ntoni ephupheni likaOlivier?**
- Wonke umntu wayehlekisa ngaye.
- Wonke umntu wayemkhomba emhleka.
- Utitshala wakhe wamxelela ukuba akanguye omnye wabo.

**Kwakutheni ukuze uOlivier anxibe ipagne yakhe?**
- Kuba inkcubeko yakhe yeyaseBurundi ngoko ke wanxiba ipagne ngoSuku lweNkcubeko.
- Kuba utitshala wakhe waxelela abafundi ukuba ze banxibe isinxibo esibonisa inkcubeko yabo ngoSuku lweNkcubeko.
- Kuba ipagne sisinxibo senkcubeko yakhe.
- Kuba utata wakhe wamnceda abe nolwazi lokuqonda kakuhle ukubhiyozela zonke iinkcubeko ezahlukileyo zoMzantsi Afrika.
- Kuba waqonda ukuba angaziqhayisa ngobuyena nenkcubeko yakhe noxa ingaveli eMzantsi Afrika.

IBALI 7

# UZANDILE UFUNDA UKUMEDITHEYITHA



## Umxholo: Sifunda izinto ezintsha



### Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi bakho baqonde ukuba singafunda izinto ezintsha kwabanye, kwaye ukufunda isakhono esitsha kufuna ukuziqhelisa nomonde.



### Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Ukumeditheyitha yindlela yokuhlala uzole umilisele ingqondo yakho, amaxesha amaninzi, kwindlela ophefumla ngayo, ukukunceda uzive unokuzola kwaye ukhululekile.
- Iintsapho zinganezithethe ezahlukileyo, iinkolo, okanye iinkqubo zemihla ngemihla. Into ebonakala ingaqhelekanga emntwini ingayinto esisiqhelo kusapho lomnye.
- Xa sizama ukumilisela ingqondo kwinto enye, iingqondo zethu zithi ngamaxesha amaninzi ziwakele kwezinye iingcinga, ezinjengesikolo, abahlobo, ukutya, okanye izinto ekufuneka sizenzile.
- Izakhono ezininzi ezitsha kunzima ukuzifunda. Abantu kuye kufuneke baziqhelise amathuba amaninzi phambi kokuba bazive bekhululekile okanye bephumelele.



### Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Kukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Kukunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:


| Iphepha nomhlathi | Funda | Yithi |
|---|---|---|
| 88, 2 | “Ingaba benza ntoni?” wamangala uZandile. | UZandile uyazibuza ukuba benzani abakwaKapoor, ngoko ndizithathela isigqibo esisekwe kulwazi olusebalini ndithi, uyaqala ukubona umntu emeditheyitha. |
| 90, 1 | Ngaloo mvakwemini, akufika ekhaya, uZandile wajikela emva kwendlu. Wahlala phantsi bhaxa emhlabeni. Waphithanisa imilenze. Wenza ingonyana esezantsi engaphumelisiyo, “Hhhhmmm.” | UZandile wenza zonke izinto azibone zisenziwa ngabazali bakaGeeta. Ndingazithathela isigqibo esisekwe kulwazi olusebalini ndithi, naye uzama ukumeditheyitha. Mhlawumbi uzama ukufumana indlela yokuzenza azive ezolile. |

UZandile wavuka ekuseni. Kwakusemnyama phakathi endlwini. Wathatha incwadi waphuma phandle. Wahlala phantsi wafunda.



Esafunda njalo weva ingxolo engaqhelekanga. Waphakama wema phezu kwesitulo, wakroba ngaphaya kocingo. Wabona uMnu. noNkskz Kapoor behleli phantsi bhaxa. Babeculela ezantsi bengaphumelisi ngaphandle.

“Ingaba benza ntoni?” wamangala uZandile.




Ngolo suku esikolweni, uZandile wabona uGeeta esitya isidlo sakhe sasemini. “Ndibone abazali bakho behleli phantsi bhaxa emhlabeni kusasa namhlanje,” watsho uZandile. “Bekutheni ze benze oko? Ibingumbono ongaqhelekanga!”

“Asingombono ungaqhelekanga!” watsho uGeeta. “Kukumeditheyitha!”

“Kukuthini ukumeditheyitha?”

“Ukumeditheyitha kuxa ufuna ukuzola nokuphola kwengqondo,” waphendula njalo uGeeta.



Ngaloo mvakwemini, akufika ekhaya, uZandile wajikela emva kwendlu. Wahlala phantsi bhaxa emhlabeni. Waphithanisa imilenze. Wenza ingonyana esezantsi engaphumelisiyo, “Hhhhmmm.”

Kodwa, akazange afumane kuzola. “Ndiyacinga, ingaba kusebenza njani oku?” wamangala uZandile.



Ngosuku olulandelayo, uZandile wafika kuGeeta wathi, “Ndizamile ukumeditheyitha. Kodwa akukhange kusebenze! Andikhange ndizive ndinokuzola.”

UGeeta waphela yintsini, “Awenzanga ngendlela efanelekileyo!”

“Uthetha ukuthini?” wabuza uZandile, ubuso bakhe busiba shushu. “Wazi njani?”

Izidlele zikaGeeta zajika zabomvu. “Mh, ndikubonile ngaphaya kocingo.”

UZandile noGeeta baphela yintsini bobabini. “Yiza ekhaya ukuphuma kwesikolo,” watsho uGeeta. “Ndiqinisekile utata uya kukubonisa into omawuyenze.”



Ukuphuma kwesikolo, uZandile wabeka ubhaka wakhe kowabo waza waya kwammelwane. Wankqonkqoza kwikhaya lakwaKapoor.

UGeeta wavula ucango. “Oo, molo Zandile!” watsho uGeeta. “Ngena ngaphakathi. Ndimxelele utata ukuba uyeza.”

UMnu. Kapoor wayehleli etafileni ekhitshini efunda iphephandaba. “Zandile!” watsho ngoncumo lukaBlankethi. “Ndivile ukuba ufuna ukumeditheyitha! Uyintwazana ehlakaniphileyo!”



UMnu. Kapoor wabeka phantsi iphephandaba lakhe. “Yiza,” watsho ekhomba uZandile. “Yiza nawe,” watsho uMnu. Kapoor kuGeeta. Iintombi zamlandela ukuya emva kwendlu.

UMnu. Kapoor wabonisa uZandile indlela yokuhlala. UGeeta wancedisa uZandile abeke izandla zakhe ngendlela efanelekileyo. Bambonisa uZandile indlela yokutsala umoya nzulu ngokucothayo. “Libala yonke into,” watsho uGeeta.  “Vala nje amehlo ucinge ngokuphefumla kwakho.”



Bahlala kunye ixesha elide.

UZandile wazama ukucinga ngokuphefumla kwakhe, kodwa kwathontelana izinto ezininzi engqondweni yakhe. Wacinga ngomsebenzi wasekhaya weMathematika. Wacinga ngendlela awayelambe ngayo. Wacinga ngento eyayiza kuphekwa ngumama wakhe ngesidlo sasemini.



“Ingaba uziva unokuzola emoyeni?” uMnu. Kapoor wabuza kuZandile.

“Umm, andazi nokuba ndingayenza na le nto!” waphendula watsho uZandile. “Andikhange ndikwazi ukucinga ngendlela endiphefumla ngayo.”

“Kuthatha ukuziqhelisa oko,” watsho uGeeta. “Buya kwakhona ngomso ukuba uyafuna! Singaziqhelisa sikunye!”



Waza wenza njalo.





Ufundo 1

**Ngoobani abamelwane bakaZandile?**
NgabakwaKapoor. NguGeeta nabazali bakhe.

**Wayefuna ukufunda ukwenza ntoni uZandile?**
Wayefuna ukufunda ngendlela yokumeditheyitha.

**Kufuneka enze ntoni xa emeditheyitha?**
- Kufuneka ahlale ngendlela efanelekileyo.
- Kufuneka abeke izandla zakhe ngendlela efanelekileyo.
- Kufuneka atsale umoya onzulu ecotha.
- Kufuneka avale amehlo acinge ngokuphefumla kwakhe.

**Kwakutheni ukuze uZandile aye kwikhaya lakwaKapoor?**
- Kuba ufuna ukufunda ukumeditheyitha.
- Kuba uGeeta umxelele ukuba angeza eze kufunda.
- Mhlawumbi ebefuna ngenene indlela yokufumana ukuzola ngokwasemoyeni.



Ufundo 2

**Wabona ntoni uZandile akukroba ngaphaya kocingo?**
Wabona abakwaKapoor (abazali bakaGeeta) bemeditheyitha emva kwendlu.

**Wabona ntoni uGeeta akukroba ngaphaya kocingo?**
Wabona uZandile ezama ukumeditheyitha.

**Waziva njani uZandile akufumanisa ukuba uGeeta umbonile?**
- Usenokuba wayeneentloni.
- Usenokuba wothuka.

**Kutheni uZandlile kufuneka eziqhelisile ukumeditheyitha?**
- Kuba ukucamngca uqhagamshele ngokomoya kufuna ukuziqhelisa.
- Kuba ufuna ngokwenene ukufunda ukucamngca aqhagamshele ngokomoya.
- Kuba usafunda ukucamngca aqhagamshele ngokomoya.
- Kuba xa elinga, akaziva enokuzola emoyeni.
- Kuba ufuna ukuziqhelisa de azive enokuzola emoyeni.

# IBALI 8
# NGUBANI UKATHERINE JOHNSON?



## Umxholo: Sifunda izinto ezintsha



### Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingumxube wenyani nokungeyonyani.
- Liqhubeka eMelika.
- Lenzeka kule mihla, linabalinganiswa abaxoxa ngeziganeko eziqhubeke kwixesha elidlulileyo.
- Eli bali liza kunceda abafundi bakho baqonde ukuba singafunda izinto ezintsha kwabanye, ezincwadini, nangokufunda ngabantu ababalulekileyo kwimbali. Likwabonisa indlela ukufunda nemfundo kunganceda ngayo abantu basombulule iingxaki ze bazuze izinto ezinkulu.



### Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Kukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Kukunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



### Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Usozibalo ngumntu osebenzisa amanani, ipatheni, nokubala ukusombulula iingxaki. Ubusazi ukuba izibalo ziyasetyenziswa ukunceda ekuzobeni izakhiwo, ukuqikelela imozulu, ukucwangcisa uhambo emajukujukwini?
- Ngonyaka we1969, abantu batyelela enyangeni ngesiphekepheke baza banyathela umhlaba wayo okokuqala. Oosonzululwazi abaninzi, iinjineli noosozibalo basebenza kunye ukwenza oku kwenzeke.
- AbakwaNASA bayindawo yokunxulumanisa yasemajukujukwini eMelika. AbakwaNASA bacwangcisa baqhube imisebenzi, equka ukuthumela oosomajukujuku emajukujukwini nasenyangeni.
- Ucalucalulo kuxa abantu bephathwa ngendlela engafanelekanga ngenxa yemeko abangenakuyitshintsha, efana nohlanga lwabo, isini, ulwimi, okanye imeko yokuphila nokukhubazeka. Ukucalucalula kungabavalela abantu ekufumaneni amathuba afana nawabanye.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

| Iphepha nomhlathi | Funda | Yithi |
|---|---|---|
| 103, 1 | “UKatherine wangena kwisikolo semfundo ephakamileyo eneminyaka elishumi kuphela. Khawufane ucinge ukuba wena ubuza kuqala kwisikolo semfundo ephakamileyo!” watsho uMnu Kapoor. “Waza wangena eYunivesithi eneminyaka eli14! Wayezibala kakhulu iziBalo bade ooprofesa kwafuneka bamenzele ikhosi eyodwa yena yedwa.” | Sazi njani ukuba uKatherine wayekrelekrele kakhulu? Oo! Ndingazithathela isigqibo esisekwe kulwazi olusebalini ndithi, wayekrelekrele kakhulu kuba waqala kwisikolo semfundo ephakamileyo emncinane kakhulu, nokuba kwafuneka abe nezakhe izifundo eyunivesithi. |
| 104, 1 | UGeeta wazama ukucinga ngokuya kwisikolo semfundo ephakamileyo endaweni yokuya kwigreyidi yesine. Waba nomfanekiso wakhe ehleli edesikeni enkulu yesikolo semfundo ephakamileyo kunye nabantwana abadala. “Andiqondi ukuba ndikulungele ukuya kwisikolo semfundo ephakamileyo okwangoku,” watsho. | Ndiyazibuza kutheni uGeeta wazama ukuzenzela umfanekiso-ngqondweni wakhe ekwisikolo semfundo ephakamileyo? Oo! Ndingazithathela isigqibo esisekwe kulwazi olusebalini ndithi, ufanele kuba uphantse walingana noKatherine ngexesha wayeqala kwisikolo semfundo ephakamileyo. Uzama ukuzenzela umfanekiso-ngqondweni wokuba ingaba kwakunjani oko. |

Ngabusuku buthile obababufudumele, uGeeta notata wakhe babehleli emva kwendlu bejonge phezulu bebuka inyanga eyayibengezela, izele.

“Ndifuna ukuya enyangeni ngenye imini! Ndifuna ukujinga emoyeni kungabikho nto inditsalela phantsi!” watsho uGeeta ngathi uyaphupha.

“Andifuni kucinga ngawe udubula usiya emajukujukwini ngeroketthi,” uMnu. Kapoor wahleka watsho. “Mhlawumbi kufuneka ufane noKatherine Johnson endaweni yale uyicingayo.”

“Ngubani uKatherine Johnson?”wabuza uGeeta.

“UKatherine yingcungela kasozibalo. Akazange aye enyangeni kodwa akukho mntu wayenokuya enyangeni ngaphandle kwakhe,” wacacisa njalo uMnu. Kapoor.




“Ndafunda into yokuba uKatherine emncinane wayebala yonke into,” uMnu. Kapoor wachazela uGeeta. “Wayebala izitya ekhabhathini yakhe. Wayebala inani lamanyathelo awathathayo ukuya esikolweni. Wade wazama ukubala inani leenkwenkwezi esibhakabhakeni!”

UGeeta wajonga iinkwenkwezi ezaziphezulu esibhakabhakeni waqala ukuzibala. Kwindawana encinane esibhakabhakeni wabala wafumana iinkwenkwezi ezili100. “Isibhakabhaka kufanele ukuba samthatha ubomi bakhe bonke!” wahleka watsho uGeeta.



“UKatherine wangena kwisikolo semfundo ephakamileyo eneminyaka elishumi kuphela. Khawufane ucinge ukuba wena ubuza kuqala kwisikolo semfundo ephakamileyo!” watsho uMnu. Kapoor. “Waza wangena eYunivesithi eneminyaka eli14! Wayezibala kakhulu iziBalo bade ooprofesa kwafuneka bamenzele ikhosi eyodwa yena yedwa.”



UGeeta wazama ukucinga ngokuya kwisikolo semfundo ephakamileyo endaweni yokuya kwigreyidi yesine. Waba nomfanekiso wakhe ehleli edesikeni enkulu yesikolo semfundo ephakamileyo kunye nabantwana abadala.

“Andiqondi ukuba ndikulungele ukuya kwisikolo semfundo ephakamileyo okwangoku,” watsho.



“UKatherine wayefuna ukuba ngumphandinzulu weMathematatika. Wayenengqondo ekrelekrele kakhulu eqeqeshwe ngokufanelekileyo. Kodwa, ngexesha awayethweswa ngalo isidanga eYunivesithi kwakusenzima ngakumbi kubantu ababhinqileyo ukuba banikwe ithuba lomsebenzi ololo hlobo ngenxa yocalucalulo ababejongene nalo,” watsho uMnu. Kapoor.



“Yintoni ucalucalulo?”wabuza uGeeta kutata wakhe.

“Uyabona, ucalucalulo kuxa abantu bephathwa ngendlela engafanelekanga ngenxa yento abangenakuyitshintsha – njengohlanga kunye nesini.” “UKatherine waphathwa ngokungathi akanangqondo ikrelekrele njengabanye abantu ngenxa yebala nesini sakhe.”

UGeeta wacinga ngexesha uMalcolm wayeqhula ngokuba akasayi kuze abe yincutshe njengaye kwiziBalo kuba eyintombazana. “Ucalucalulo aluthandeki,” watsho, “kwaye asiyonyani – ndisoloko ndifumana amanqaku angcono kumsebenzi wam wasekhaya kwiziBalo!”



“Kwaye khawufane ucinge ukuba uMalcolm wayezamile ukuthatha umsebenzi wakho wasekhaya abhale igama lakhe kuwo!” waqhuba uMnu. Kapoor. “Ukuqala kwakhe ukusebenzela uNASA uKatherine kwicandelo lezamajukujuku, wayenikwe uxanduva lokubhala iingxelo. Kodwa amadoda awayewasebenzela ayengavumi ukuba abhale igama lakhe kwiingxelo ezo, bathi ke abantu abangamadoda bafumana konke ukunconywa ngomsebenzi wakhe. Wayengavumelekanga ukuya kwiintlanganiso kunye namadoda asebenza nawo. UKatherine kwakufuneka ecacisele abantu ngalo lonke ixesha ukuba naye uyinxalenye. Ekugqibeleni wafumana imvume yokuba igama lakhe livele kwiingxelo zakhe, waza wayinxalenye yeentlanganiso.”

UGeeta wazama ukuba nomfanekiso-ngqondweni kaMalcolm esiba umsebenzi wakhe wasekhaya ebhala igama lakhe kuwo. Waba nomfanekiso katitshala wabo, uMnu. Payi, encoma uMalcolm ngokusebenza kwakhe nzima. “Ukuba ndandinguKatherine ndandiyakufuna … ukukhwaza ndenze embi ingxolo!” watsho uGeeta.

"Noxa kwakukho loo miqobo, uKatherine wayengomnye wabantu abanengqondo ekrelekrele eNASA. Wanceda ukubala indlela yokuya komntu wokuqala emajukujukwini. Wanceda ukucwangcisa umzila onokuthathwa xa bebhabha okokuqala ukuya enyangeni, kunye nezinye iihambo zasemajukujukwini emva koko. Kwathi emva kokuba ethathe umhlalaphantsi, uKatherine wathetha ngokuphandle ngokubaluleka kokufundwa kweMathematika ngabo bonke abantwana," watsho uMnu. Kapoor. "Ngoko mna ndicinga ukuba ebeya kufuna ufunde iziBalo kunokuba nawe uye enyangeni," wahleka watsho uMnu. Kapoor.



"Lixesha lokulala!" watsho uGeeta. UGeeta wajonga phezulu ezinkwenkwezini kwakhona kwakanye. Waba nomfanekiso-ngqondweni kaKatherine Johnson ebala indlela eya apho. Emva koko, walandela utata wakhe wangena ngaphakathi.





Ufundo 1

**Yayingubani uKatherine Johnson?**
UKatherine Johnson wayengusozibalo odumileyo owayesebenzela iNASA.

**Wayeneminyaka emingaphi uKatherine Johnson ukuqala kwakhe kwisikolo semfundo ephakamileyo?**
Wayeneminyaka elishumi kuphela ukuqala kwakhe kwisikolo semfundo ephakamileyo.

**Wajongana njani uKatherine Johnson nocalucalulo?**
- Kwakunzima kuye ukufumana umsebenzi noxa wayenengqondo ekrelekrele eqeqeshwe ngokufanelekileyo.
- Waphathwa ngokungathi akanangqondo ikrelekrele njengabanye abantu kuba wayengumntu obhinqileyo omnyama.
- Amadoda eNASA azama ukuthatha konke ukunconywa kweengxelo zakhe. Wayengavumelekanga ukubhala igama lakhe kuzo.
- Wayengavumelekanga ukuya ezintlanganisweni namadoda asebenza nawo.



Ufundo 2

**UMnu. Kapoor ufuna uGeeta afane nabani?**
Ufuna uGeeta afane noKatherine Johnson.

**Ngubani owafaka uGeeta kwimeko yocalucalulo?**
UMalcolm wafaka uGeeta kwimeko yocalucalulo.

**Kwakutheni ukuze utata kaGeeta afune ukuba afane noKatherine Johnson?**
- Kuba akafuni uGeeta antinge esiya enyangeni ngerokethi – endaweni yoko angathanda xa esenza iziBalo endaweni yoko.
- Mhlawumbi kungenxa yokuba wacinga ukuba uKatherine Johnson ungumntu obukwayo.
- Mhlawumbi wayefuna uGeeta alwe ucalucalulo njengohlobo uKatherine Johnson awenza ngalo.

